



Invest in your children!

We all have hopes and dreams for our children – that they will live happy, healthy and successful lives. And we know that achieving these dreams takes effort on our part.

The wisest investment we can make in our children is to give them our time – to listen to them, to talk together and to do things together. All of these things happen quite naturally when we spend even a short time each day telling and reading stories together. When we share stories with children, we help to expand their world and we build a firm foundation for their futures. How about investing in your children in some of these ways?

- ☺ **Read in their mother-tongue.** Reading stories in your mother-tongue makes reading easier and more enjoyable. Try our growing collection of stories in a range of South African languages on the Nalibali website (www.nalibali.org) or mobisite (www.nalibali.mobi).
- ☺ **Read what they love.** For children to love reading, and to want to read every day, they need to enjoy what they are reading! Some children may like real-life stories while others like fantasy. In fact, developing an interest in reading particular types of books is a sign that your child is maturing as a reader. So, whatever sparks their interest, let them read it!

Tyala ebantwaneni bakho!

Xa sisonke sinamathemba namaphupha amakhulu ngabantwana bethu – okokuba ubomi babo buya kubamnandi, baya kubanempilo entle kwaye baya kuphumelela kuyo yonke imizamo yabo. Kanti futhi siyazi ukuba ukuze bawaphumeze la maphupha kufuneka senze imigudu kwelethu icala.

Esona sichumiso sinokusinika isivuno esihle ebantwaneni bethu lixesha lethu – elokubamamela, elokuthetha nabo nelokwenza izinto nabo. Zonke ezi zinto ziyazenzekela ngokwendalo xa sichitha ixeshana nje elifutshane nabo ngemini, sibabalisele okanye sibafundela amabali. Xa sisabelana ngamabali nabantwana, sibanceda ukwandisa imida yolwazi lwabo kwaye sakha nesiseko esiluqilima sekamva labo. Kunganjani xa usakha isiseko esiluqilima sekamva labantwana bakho ngezinye zezi ndlela zilandelayo?

- ☺ **Ukufunda ngolwimi lwabo lwasekhaya.** Ukufunda amabali ngolwimi lwakho lweenkobe kwenza ukufunda kube lula kwaye ukonwabele nangakumbi. Khawuzame le ngqokelela yethu yamabali eya isanda, nengeelwimi eziliqela zaseMzantsi Afrika kwiwebhusayithi yethu yeNalibali ku-www.nalibali.org okanye kwimobhisayithi eku-www.nalibali.mobi.
- ☺ **Ukufunda abakuthandayo nabanomdla kuko.** Ukuze abantwana bakuthande ukufunda kwaye bafunde ukufunda yonke imihla, kufuneka ibonwabise loo nto bayifundayo! Abanye abantwana bangathanda amabali awehla kubomi bokwenyani lo gama abanye banokuthanda amabali aziintsomi nemilingo. Eneneni, ukukhula komdla wokufunda iincwadi ezithile luphawu lokuba umntwana wakho uyakhula njengomfundi. Ngoko ke, bavumele ukuba bafunde oko kuvuselela umdla kubo!
- ☺ **Ukufunda iincwadi eziprintiweyo.** Abantwana abancinane bafunda kakhulu ngokusebenzisa izivi zabo. Ngoko ke, kubalulekile kubo ukuba bazibambe iincwadi eziprintiweyo kwaye bawatyhile amaphepha azo. Kakade, abukho ubumnandi obugqitha ukuzisonga kunye nencwadi oyithandayo.

- ☺ **Read printed books.** Young children learn a great deal through their senses. It is therefore very important for them to have the experience of touching and holding printed books and turning their pages. After all, nothing beats the feeling of curling up together with a book.

- ☺ **Read on a cellphone.** In South Africa, forty-eight million of us use cellphones! Older children (especially teens), often enjoy reading on a cellphone. This technology means that they can read anywhere and at any time – at home, or on the way to and from school. Explore our growing mobi-library at www.nalibali.mobi.

Whatever it takes, get your children reading every day and help them find material that interests them. Once you have helped them to unleash the power of reading in their lives, no one can take this magical gift away from them! Plus you'll have the satisfaction of knowing that you have invested very wisely in their futures.



- ☺ **Ukufunda kwiiselula zabo.** Ngabemi abazizigidi ezingamashumi amane anesibhozo abasebenzisa iiselula kweloMzantsi Afrika! Kumaxesha amaninzi, abantwana abadlalana (ngakumbi abafikisayo), bayakonwabela ukufunda ezeluleni. Le teknoloji ibanika ithuba lokuba bakwazi ukufunda naphi na nanini na – kungasekhaya, okanye endleleni eya nevela esikolweni. Khawuphengulule ithala leencwadi lethu elikwiselula neliya isanda ngokwanda ku-www.nalibali.mobi.

Nokuba kungayiphi na indlela, zama ukuba abantwana bakho bafunde yonke imihla kwaye bancede bafumane abanokukufunda nabanomdla kuko. Usakuba ubancedile wababonisa indlela yokuvulela amandla okufunda ebomini babo, akukho namnye onokoxutha loo mangaliso neso sipo somlingo kubo! Kananjalo, nawe uza kwaneliseka kukwazi ukuba ulichumise ngobulumko ikamva labo.



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebal.



ARE YOU SA'S FIRST
**STORY
BOSSO?**

INGABA
**UNGU STORY
BOSSO
WOKUQALA
EMZANTSI AFRIKA?**



Throughout Literacy and Heritage Month in September last year, Nal'ibali held its first multilingual storytelling competition – Story Bosso!

Story Bosso was designed as a nationwide talent search to get South Africans excited about reading and telling stories. Its message was simple – anyone can tell a story, anytime, anywhere! Through the competition Nal'ibali wanted to find undiscovered storytellers across the country and to connect South Africans with a range of local stories in South African languages. We also shared tips and ideas with everyone on how to become better storytellers.

To launch the month of storytelling, Nal'ibali held a special talent show at Motjoli Primary School in Soweto which was attended by a few celebrities – jazz and afro-pop singer, Judith Sephuma, and TV and radio personality, Penny Lebyane. Hosted by children's TV presenter, Karabo Bonco, the event started with storytelling demonstrations by professional storyteller, Nomsa Mdlalose, and Nal'ibali's Bongani Godide before the children got a chance to show their storytelling talents.

Story Bosso proved popular with people of all ages and we collected over 1 500 stories in just one month! These stories were submitted online and at over 60 pop-up Story Bosso events held at schools, shopping centres, taxi ranks, train stations, community centres and literacy festivals in seven different provinces. At these fun events members of the public showcased their talents with a public performance which was recorded. And even the audience benefitted as they receiving some of the 13 000 free books and special Story Bosso story cards we gave away.

Kuyo yonke inyanga yoMsintsi, neyinyanga yeLitheresi neyaMafa eMveli kulo nyaka uphelileyo, uNal'ibali wabamba ukhuphiswano lwakhe lokuqala lokubalisa amabali ngeelwimi ezininzi ezahlukileyo – iStory Bosso!

Ukhuphiswano lweStory Bosso lwayilwa njengephulo lokukhangela abo banetalente, kwisizwe ngokubanzi, yokwenza abemi boMzantsi Afrika bavuselelwe kukufunda nokubalisa amabali. Umyalezo wolu khuphiswano wawulula kakhulu – nabani na angabalisa ibali, nanini na naphi na! Ngolu khuphiswano uNal'ibali wayefuna ukubhaqa ababalisi-mabali abangekaziwa kweli lizwe xa lilonke kwakunye nokudibanisa abemi boMzantsi Afrika nentlaninge yamabali ahlukeneyo angawalapha nangeelwimi zakuleli. Kananjalo sabelana ngeengcebiso neengcingane nomntu wonke ngendlela ubani anokwenza ngayo ukuze abengubabalisi-mabali ongcono.

Ukusungula inyanga yokubalisa amabali, uNal'ibali wabamba umboniso okhethekileyo weetalente kwiSikolo samaBanga aPhantsi, iMotjoli eSoweto neyayizinyaswe liqelana loosaziwayo – umculi womjuxuzo neengoma zase-Afrika, uJudith Sephuma, kunye nomsasazi kunomathotholo nakumabonwakude, uPenny Lebyane. Umphathi-theko yayingumsasazi weenkqubo zabantwana kumabonwakude, uKarabo Bonco. Lo msitho waqala ngokuboniswa kweendlela zokubalisa amabali ngumbalisi-mabali oyingcali, uNomsa Mdlalose kunye noBongani Godide wakwaNal'ibali phambi kokuba abantwana bafumane amathuba abo okubonisa ngezabo iitalente zokubalisa amabali.

Kwabonakala ukuba iStory Bosso ithandwa kakhulu ngabantu bonke, abadala nabancinane, kwaye saqokelela ngaphezulu kwamabali ali-1 500 kwinyanga nje enye kuphela! La mabali sawathunyelelwa nge-imeyili ze amanye afakwa kwiwebhusayithi yethu, ukanti amanye afumaneka kwimisitho eyayingaphaya kwama-60 yeStory Bosso eyayibanjelwe apha naphaya, njengasezikolweni, ezivenkileni, kwiirensi zeeteki, kwizikhululo zoololiwe, kumaziko oluntu kunye nakwiminyhadala yelitheresi eyayikumaphondo asixhenxe ahlukileyo. Kule misitho yolonwabo uluntu lwalubonisa ngeetalente zabo ngokuthi babalise amabali esidlangalaleni, ze loo mabali arekhodishwe. Kanti futhi nababukeli bazuza lukhulu njengoko bafumanayo kwiincwadi zasimahla ezizimalunga nama-13 000 kunye namakhadi amabali akhethekileyo eStory Bosso nesasiphisa ngawo.




"While we don't all need to become professional storytellers, reading and storytelling are two of the greatest tools we have to develop our children's curiosity, imagination and empathy. Stories are the building blocks of literacy and through Story Bosso we wanted to pass on the power of stories, far and wide," explained Jade Jacobsohn, Na'ibali's Managing Director.

Endorsing the drive with their own storytelling clips and assisting in the difficult judging process, were celebrity supporters ProVerb, Tebogo Ditshego, Refiloe Mpakanyane, Lebogang Mashile, Nik Rabinowitz and Zolani Mahola. The winner, seven-year-old Athandiwe Sikade from Khayelitsha in Cape Town, was treated to a surprise storytelling of her own by local author, Sindiwe Magona.



To find out more about the Story Bosso winner, read the Story Stars feature on page 4.

Athandiwe was joined by runners-up Atandiwe Makgata, and Kerrin Kokot and Jayne Batzofin who entered as a team. Both the winner and runners-up received cash prizes, vouchers from Ackermans and a home library courtesy of Exclusive Books, Bargain Books, Cambridge University Press, Jacana Media and the Save Our Seas Foundation.



Young school pupils of Motjoli Primary School in Soweto were enchanted by an afternoon of storytelling at the Story Bosso launch event.

Abantwana abancinane beSikolo samaBanga aPhantsi iMotjoli eSoweto bayoliswe kukubaliselwa amabali emva kwemini kumsitho wokusungula ukhuphiswano lweStory Bosso.



"Nangona kungekho mfuneko yakuba sonke sibengababalisi-mabali abaziingcali, ukufunda kunye nokubalisa amabali zizixhobo ezibini esinazo ezizezona zibalulekileyo zokuphuhlisa imfunalwazi, imifanekiso-ntelekelelo kunye nemvelwano ebantwaneni bethu. Amabali zizitena zokwakha ilitheresi kwaye ngokhuphiswano lweStory Bosso sasifuna ukudlulisa amandla ebali, anabele banzi kwiindawo ezikude nezahlukileyo," ucacise njalo uJade Jacobsohn, uMlawuli oyiNtloko kwaNa'ibali.

Ababezibandakanye neli phulo njengabaxhasi, befake awabo nabo amangenelo okubalisa amabali, nabancedise kwinkqubo yokugweba eyayinzima, ngoosaziwayo abangabaxhasi: uProVerb, uTebogo Ditshego, uRefiloe Mpakanyane, uLebogang Mashile, uNik Rabinowitz kunye noZolani Mahola. Owaphumelelayo, nowayeneminyaka esixhenxe ubudala, u-Athandiwe Sikade waseKhayelitsha eKapa, wonwatyiswa ngokungalingidelekanga ngokubaliselwa ibali ngumbhali walapha ekhaya, uSindiwe Magona.



Ukuze ufumane ngakumbi malunga nowaphumelela ukhuphiswano lweStory Bosso, funda inqaku lethu eliphambili nelingembali zamabali elikwiphepha le-4.

U-Athandiwe wajoyinwa ngabaphume kwindawo yesibini neyesithathu, u-Atandiwe Makgata kunye noKerrin Kokot ehamba noJayne Batzofin nababengenele ukhuphiswano njengeqela. Lowo waphumelela olu khuphiswano kunye nabo babekwindawo yesibini neyesithathu bafumana izigubha zamabhaso emali, iivawutsha zakwa-Ackermans kwakunye namathala eencwadi asekhaya ngesisa sabakwa-Exclusive Books, abakwaBargain Books, iCambridge University Press, iJacana Media kunye nombutho iSave our Seas Foundation.



Finalists from the Story Bosso launch event.

Abakwinqanaba lamagqibela-kankqoyi lokhuphiswano babekumsitho wokusungulwa kweStory Bosso.

A young pupil auditions for the Story Bosso competition with the help of Karabo Bonco.

Umfundi oselula kuvavanyo lokungenela ukhuphiswano lweStory Bosso encediswa nguKarabo Bonco.



Story stars

A storytelling star

Nal'ibali's Story Bosso 2015 winner was seven-year-old Athandiwe Sikade from Khayelitsha, Cape Town. Although her friends say she is usually quiet and shy, she is the opposite when she tells a story! We spoke to this champion storyteller to find out more about the Story Bosso competition and her love of stories.

Where did you hear about the Story Bosso competition?

The teacher from our reading club at school told us about it. I knew right away that I wanted to enter.

You retold the story *Umboleki* in the competition. Why did you decide to tell this story?

I loved this story when my teacher first read it to our class. The main character in the story makes every listener laugh a lot, so I wanted to go and read it myself. I enjoyed it and asked my teacher to allow me to read it to the class. The class liked my reading and my body language and I was inspired by their response! They wanted me to read this story to them over and over again and I ended up telling the story instead of reading it.

What is the story about?

It's about a man who always wants people to give him whatever they have, but he does not ask them in a polite way. The sad part of the story is when he does not understand why all these people do not want to give him what he is asking for.

Do you also like listening to other people tell stories?

Yes! I love listening to stories at our reading club. I love it when reading club members share-read from different storybooks and when they tell stories that they have heard at other reading clubs.

Want to listen to Athandiwe retelling the story, *Umboleki*? Find it on the Nal'ibali website: nalibali.org/seven-year-old-crowned-sas-first-story-bosso/.

Ingaba ufuna ukuphulaphula u-Athandiwe ebalisa kwakhona ibali elisihloko sithi, *Umboleki*? Likhangele kwiwebhusayithi yethu: nalibali.org/seven-year-old-crowned-sas-first-story-bosso/.



Athandiwe with some of her Story Bosso prizes.

U-Athandiwe ekunye namanye amabhaso amaninzi awaphumelele kukhuphiswano lweStory Bosso.

Iimbilasane zamabali

Umbalisi-mabali obalaseleyo

Owaphumelela phambili kukhuphiswano lweStory Bosso lakwaNal'ibali yayingu-Athandiwe Sikade waseKhayelitsha owayeneminyaka esixhenxe, eKapa. Nangona abahlobo bakhe besithi ngumntu osoloko ethule noneentloni, wahluke kwaphela xa ebalisa ibali! Sincokole nale ntshatsheli yombalisi-mabali ukuze sifumanise ngakumbi malunga nokhuphiswano lweStory Bosso kwakunye nothando lwakhe lwamabali.

Waluva phi ukhuphiswano lweStory Bosso?

Utitshala okwiklabhu yokufunda yethu esesikolweni sethu wasixelesa ngolu khuphiswano. Ndazixelela nje zisuka ukuba nam ndiyafuna ukulungenela.

Kolo khuphiswano wabalisa kwakhona ibali elisihloko sithi, *Umboleki*. Kwakutheni ukuze ugqibe kwelokuba ubalise eli bali?

Ndalithanda kakhulu eli bali ngethuba utitshala wethu esifundela lona eklasini okokuqala. Oyena mlinganiswa uphambili kweli bali wenza ukuba wonke umntu oliphulaphuleyo ahleke de aqikileke, ngoko ke loo nto yandenza ukuba ndifune ukuzifundela lona ngokwam. Kwandonwabisa kakhulu ukwenza oko, ndaze ndacela utitshala wam ukuba andivumele ndilifundele iklassi yam. Iklassi yayithanda indlela endafunda ngayo kwakunye nendlela endandiwusebenzisa ngayo umzimba wam xa ndifunda ndaze ke mna ndavuselelwa yindlela nezinto abazenzayo abantu ababendiphulaphule! Babefuna ukuba ndiphindaphinde ukubafundela eli bali ndaze ndaphela ndilibalisa ngoku eli bali endaweni yokulifunda.

Lingantoni eli bali?

Eli bali limalunga nendoda eyayisoloko ifuna abantu ukuba bayiphe nantoni na abanayo, kodwa yayingabaceli ngambeko. Eyona nto idakumbisa kakhulu kweli bali kukuba le ndoda ingaqondi ukuba kutheni bonke aba bantu icela kubo bengafuni ukuyinika izinto ezicelayo.

Ingaba nawe uyakuthanda ukuphulaphula abanye abantu bebalisa amabali?

Ewe! Ndiyakuthanda ukuphulaphula amabali abaliswa kwiklabhu yethu yokufunda. Ndlithanda xa amalungu eklabhu yokufunda esabelana ngokufunda iincwadi zamabali ezahlukileyo naxa bebalisa amabali abawave kwezinye iiklabhu zokufunda.

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune in to your favourite SABC radio station and enjoy listening to children's stories! To find out the days and times that Nal'ibali is on the radio, go to www.nalibali.org/audio-downloads/.




UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Phulaphula esona sikhululo sikanomathotholo usithandayo kwijelo losasazo lakwa-SABC uze wonwabele ukumamela amabali abantwana! Ukuze ufumane iintsuku kunye namaxesha uNal'ibali akunomathotholo ngawo, yiya ku-www.nalibali.org/audio-downloads/.

Create TWO cut-out-and-keep books

- Take out pages 5 to 12 of this supplement.
- The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
- Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - Fold it in half again along the green dotted line.
 - Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

- Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
- Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
- Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination

“Hayi, akukho loo nto apha!”
 “Ewe, ikhona nangoku!”
 “Hayi, akukho loo nto apha!”
 “Kulungile ke, yizani nize kuzibonela
 ngokwenu ukuba anindikholelwa,”
 yatsho iNkawu.

“Well, come and see if you don't believe
 me,” said Monkey.

“No, he doesn't!”
 “Yes, he does!”
 “No, he doesn't!”

We believe every child
 should own a hundred books
 by the age of five.

Become a book-sponsor and
 help change the world.

Get involved at
bookdash.org



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
 campaign to spark children's potential through
 storytelling and reading. For more information,
 visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



It starts with a story...

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela
 ukuzonwabisa nokuvuselela umdla
 ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.
 Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,
 ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
 ku-www.nalibali.mobi



Drive your
 imagination

Grandpa's gold Igolide kaTatomkhulu



Kerry Saadien-Raad
 Elsabé Milandri
 Mathilde de Blois

Izilwanyana ezincinane zazincokola ngootatomkhulu bazo.




The young animals were talking about their grandpas.



“Well, my grandpa doesn’t build or fish or climb or cook,” said Monkey. “But he owns gold! He hides it in his mouth. And at night he soaks it in a glass of water.”

“Hayi ke, owam utatomkhulu akakhi, akalobi kwaye akapheki,” yatsho iNkawu. “Kodwa yena unegolide! Uyifihla emlonyeni wakhe. Aze ke ebusuku ayigcine eglasini enamanzi.”


“Ngoku ke kukho amazinyo ayakwenela wonke umntu!”



So the young animals went to see Monkey’s grandpa.



Kuthe ke ngoke zonke izilwanyana ezincinane zahamba zaya kubona utatomkhulu weNkawu.



"Yima! Ndingakwenza oko! Ndinamandla ngokwaneleyo,"
kutho uMkhuluwa wakhe uBob. "Ndinomoya ngokwaneleyo."
Ndingawacima onke loo makhandla ngokuwavuthela."
Amakhandla asavutha. UMkhuluwa uBob ufuna ukunceda,
kodwa usoko ehlatuna itshungama. Ngalo lonke ixesha ezama
ukuvuthela, kuphuma iqampu elikhulu elipinki.
UMkhuluwa wakhe uBob utala umphefumlo: Hhhhhhuu!
Uwutsala kakhulu umoya aze awukhuphe ngamandla evuthela ...
Kodwa siya isandi esingaqhelekanga esithi, qhahffffu-qam! Elo
qampu likhulu lagqabhukela apho ebusweni bakhe yaza yathi!
nca itshungama apho kuye.
"Uxolo, Benny, ndinethshungama ebusweni bam bonke.
Andikwazi ukuvuthela kakuhle ngokwaneleyo. Andinawo umoya
wokuvuthela ngokwaneleyo."
Ngubani onokunceda? Ngubani onomoya
wokuvuthela ngokwaneleyo?



"Wait! I can do it! I am tough enough," says Big Brother
Bob. "I have enough puff. I can blow out the candles."
The candles are still burning. Big Brother Bob wants to
help, but he is always chewing bubblegum. Every time he
tries to blow, he blows a pink bubble.
Big Brother Bob takes a deep breath: Hhhhhhuu! He
huffs and he puffs and he blows ... But the only sound we
hear is a very funny *hsssss-pop!* The bubble pops all over
his face.
"Sorry, Benny, I have bubblegum all over my face. I
can't blow well enough. I don't have enough puff."
Who can help? Who has enough puff?

Who has enough puff? is one of three stories
in *Snail Trails and Other Tales* published by
Human & Rousseau (an imprint of NB Publishers),
written by Pierre Coetzee and Leighton Jones.
Illustrated by Shân Fischer.
Available in bookstores now.

Snail Trails and Other Tales aims to entertain
young children while teaching first concepts and
developing vocabulary.

Who has enough puff? is about a mouse family
that has to find out who has enough puff to blow
out Benny's birthday candles. Children will enjoy
this humorous story while getting to know all the
names for the different members of a family.



Also available in Afrikaans as *Sakkie Slakkie en ander stories*. Visit us at www.facebook.com/NBJongklomp


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark children's potential through
storytelling and reading. For more information,
visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela
ukuzonwabisa nokuvuselela umdla
ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.
Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,
ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
ku-www.nalibali.mobi



Who has enough puff? Ngubani onomoya wokuvuthela ngokwaneleyo?



Pierre Coetzee
Leighton Jones
Shân Fischer



"Yima! Ndingakwenza oko! Ndinamandla ngokwaneleyo," kutho uMalume uRalph. "Ndinomoya ngokwaneleyo. Ndingawacima onke loo makhandla ngokuwavuthela." Amakhandla asavutha. UMalume uRalph ufuna ukunceda, kodwa uneminyaka emininzi kakhulu etshaya. Ngalo lonke ixesha ezama ukuvuthela, uvele aqalise ukukhohlela. UMalume uRalph utsal' umphefumlo kakhulu: *Hhhhhuu!* Uwutsala kakhulu umoya aze awukhuphe ngamandla evuthela ... Kodwa siva isandanyana esitshane kakhulu esithi, *tswi! kwaze emva koko kwakala ukukhohlela, goko-goko-goko.* "Uxolo, Benny, ndinokhohlokhohlo olubi kakhulu. Andikwazi kuvuthela ixesha elide ngokwaneleyo. Andinawo umoya ngokwaneleyo." Ngubani onokunceda? Ngubani onomoya wokuvuthela ngokwaneleyo?



"Wait! I can do it! I am tough enough," says Neighbour Josh. "I have enough puff. I can blow out the candles." The candles are still burning. Neighbour Josh wants to help, but he is always playing his trumpet. He never puts it down. Every time he tries to blow, there is a *toot!* from his trumpet. Neighbour Josh takes a deep breath: *Hhhhhuu!* He huffs and he puffs and he blows ... But the only sound we hear is a very loud *toooooot!* "Sorry, Benny, I have to play my trumpet. I can't blow without it. I don't have enough puff." Who can help? Who has enough puff?

Today is Benny's birthday and his whole family is here to celebrate his special day with him. His mother has made a beautiful cake with three candles for Benny to blow out. The family gathers around to sing "Happy birthday, dear Benny" and to watch Benny blow out the candles.



Namhlanje lusuku lokuzalwa lukaBenny kwaye lonke usapho lwakhe lulapha, luze kubhiyozela usuku lwakhe olukhethekileyo kunye naye. Umama wakhe umbhakele ikeyiki entle kakhulu, enamakhandlela amathathu ukuze uBenny awavuthele acime. Usapho luye lwaqokelelana ndawonye ukuze lucule u-"Min'emnandi kuwe, Benny" ze ke emva koko lubukele uBenny ecima amakhandlela ngokuwavuthela.

Akukho namnye! Akekho ngoku omnye umntu; ngoku wonke umntu ujonge ekeyikini. Kuthe kusenjalo, uMama wathi, "Imilomo emithandathu evuthela nganye-nganye ingangoneli, kodwa xa sisonke sivuthela ngemilomo yethu nangaxeshanye, oko kunganamadla ngokwaneleyo ekucimeni amakhandlela." Bonke basondelelana baza baqalisa ukuvuthela ngamandla nangaxeshanye. Ekugqibeleni kwathatha umphefumlwana kaBenny othe nje, *ffffuu* ... Qashela, kwenzeka ntoni? Ngokwenene uMama wayenyanisile. Xa bebonke banamandla ngokwaneleyo.





“Yimai Ndingakwenza okoi Ndinamandla ngokwaneleyo,”
kutsho uMmelwane uJosh. “Ndinomoya ngokwaneleyo.
Ndingawacima onke loo makhandlela ngokuvavuthela.”
Amakhandlela asavutha. UMmelwane uJosh ufuna
ukunceda, kodwa ixilongo lakhe lisoloko lisemlonyeni,
elikhaliisa. Lalingabekwa tu phantsi. Ngalo lonke ixesha ezama
ukuvuthela, siva isandi esithi, *twiiiii!*
UMmelwane uJosh ut sala umphefumlo kakhulu:
Hhhhhhuu! Uwutsala kakhulu umoya aze awukhuphe
ngamandla evuthela ... Kodwa siva isandi sengxolokazi enkulu
ethi, *twiiiii!*
“Uxolo, Benny, kufuneka ndilikhalisile ixilongo lam.
Andikwazi nje ukuvuthela ngaphandle kokuvuthela ixilongo
lam. Andinawo umoya wokuvuthela ngokwaneleyo.”
Ngubani onkunceda? Ngubani onawo umoya
wokuvuthela ngokwaneleyo?

Nobody! There is no one; everybody is looking
at the cake.
Then suddenly Mom says, “Six single puffs
may not be enough, but together our puffs will be
really tough.”
They all come closer and start to huff and
puff together. In the end it takes Benny just a little
ffff ... And what do you know? Mom was right.
Together they are strong enough.



“Wait! I can do it! I am tough enough,” says
Uncle Ralph. “I have enough puff. I can blow out
the candles.”
The candles are still burning. Uncle Ralph wants to
help, but he has been smoking for years. Every time
he tries to blow, he starts to cough.
Uncle Ralph takes a deep breath: *Hhhhhhuu!* He
huffs and he puffs and he blows ... But the only sound
we hear is a very short *hhaa*, and then *uhu-uhu*.
“Sorry, Benny, I have a bad cough. I can’t blow long
enough. I don’t have enough puff.”
Who can help? Who has enough puff?

But Benny is so small. Can he blow out all three candles?
Does he have enough puff?
Benny takes a deep breath: *Hhhhhhuu!* He huffs and he
puffs and he blows ... But the only sound we hear is a very
quiet *hffff*.
“I’m not tough enough,” says Benny. “I don’t have
enough puff.”
Who can help? Who has enough puff?



Kodwa uBenny mncinane kakhulu. Ingaba angakwazi
ukuwavuthela, acime ngaxeshanye loo makhandlela
mathathu? Ingaba unawo umoya wokuvuthela ngokwaneleyo?
UBenny utsala umphefumlo kakhulu: *Hhhhhhuu!* Uwutsala
kakhulu umoya aze awukhuphe ngamandla evuthela ... Kodwa
siva isandanyana esitsholo ezantsi kakhulu sisithi, *haffffuu*.
“Andinamandla ngokwaneleyo,” kutsho uBenny. “Andinawo
umoya wokuvuthela ngokwaneleyo.”
Ngubani onokunceda? Ngubani onomoya
wokuvuthela ngokwaneleyo?



“Yima! Ndingakwenza oko! Ndinamandla ngokwaneleyo,” kusho uTata. “Ndinomoya ngokwaneleyo. Ndingawacima onke loo makhandlela ngokuwawuhela.” Amkhandlela asavutha. UTata ufuna ukunceda, kodwa umlomo wakhe ugoso. Akakwazi ukuvuthela umoya uye ngqo emakhandleleni. Ngalo lonke ixesha evuthela, umoya uphuma ecaleni: UTata utsala umphetumlo kakhulu: *Hhhhhhuu!* Uwutsala kakhulu umoya aze awukhuphe ngamandla evuthela ... Kodwa siya isandana nje esingaqhelekanga kuphela esithi, *phawffffffuu*.


"Wait! I can do it! I am tough enough," says Dad. "I have enough puff. I can blow out the candles."

The candles are still burning. Dad wants to help, but he has a crooked mouth. He can't blow straight. Every time he blows, the air goes out to the side.

Dad takes a deep breath: *Hhhhhhhuu!* He huffs and he puffs and he blows ... But the only sound we hear is a very strange *ppppppppppf*.

"Sorry, Benny, my mouth is too crooked. I can't blow straight enough. I don't have enough puff."

Who can help? Who
has enough puff?



"Wait! I can do it! I am tough enough," says Grandma Molly. "I have enough puff. I can blow out the candles." The candles are still burning. Grandma Molly wants to help, but she has a bad case of hiccups. Every time she tries to blow, she starts to hiccup again.

Grandma Molly takes a deep breath: *Hhhhhhuu!* She huffs and she puffs and she blows ... But the only sound we hear is a very annoying *HIC-cup, HIC-cup!*

"Sorry, Benny, I have the hiccups. I can't blow strongly enough. I don't have enough puff."

Who can help? Who has enough puff?

“Yima! Ndingakwenza oko! Ndinamandla ngokwaneleyo,” kutsho uMakhulu uMolly. “Ndinomoya ngokwaneleyo. Ndingawacima onke loo makhandlela ngokuwavuthela.”


Amakhandlela asavutha. UMakhulu uMolly ufuna ukunceda kodwa ukhutywa kakubi kakhulu. Ngalo lonke ixesha ezama ukuvuthela kuphinda kugalelele ukukhutywa.

UMakhulu uMolly utsal' umphefumlo kakhulu:
Hhhhhhuu! Uwutsala kakhulu umoya aze awukhuphe
ngamandla evuthela ... Kodwa siva isandi nje sengxolo
yokukhutywa edikayo, *hikhi-hikhi-hikhi!*

“Uxolo, Benny, ndiyakhutywa. Andikwazi kuvuthela ngamandla ngokwaneleyo. Andinawo umoya wokuvuthela ngokwaneleyo.”


Ngubani onokunceda? Ngubani onomoya wokuvuthela ngokwaneleyo?





“You see,” said Monkey. “And he can take the gold out of his mouth.”
 “Niyabona ke,” yatsho iNkawu.
 “Futhi uyakwazi ukuyikhipha le golide emlonjeni wakhe.”


“My grandpa can cook a feast,” said Elephant. “Once he cooked a meal for a president’s birthday party – all by himself.”
 “Utatomkhulu wam angakwazi ukupheka isidlo esikhulu,” yatsho iNdlavu. “Ngenye imini wapheka isidlo setheko lesikhumbuzo sokuzalwa kukamongameli – eyedwa jwi.”



“And there are enough teeth for everyone!”

“My grandpa can build a tower to the sky,” said Giraffe. “Once he built a skyscraper for a king.”

“Utatomkhulu wam angakwazi ukwakha impophoma yesakhiwo esiphakame kakhulu kangangokuba singade sifike nasesibhakabhakeni,” kwatsho iNdlulamthi. “Ngenye imini wakha isakhiwo esiphakame kakhulu, esakhela ukumkani.”





“My grandpa can fish for anything in the sea,” said Cheetah. “Once he caught a whale and kept it in his bath.”

“Utatomkhulu wam angaloba nantoni na elwandle,” latsho iHlosi. “Ngenye imini wabambisa umnenga waze wawugcina ebhafini yakhe.”




“My grandpa can climb to the clouds in the sky,” said Mountain Goat. “He climbed the tallest mountain in the world, in just four hours.”

“Utatomkhulu wam angakwazi ukwenyuka incopho de aye kuHka kumafu asesibhakabhakeni,” yatsho iBhokhwe yaseziNtabeni. “Ngenye imini wenyuKa kweyona ntaba iphakamileyo ehlabathini, ngeyure ezine nje kuphela.”



“No, he can’t!” cried the animals. “Hayi bo, akanakukwazi!” zatsho zonke izilwanyana.



“Waaah!” said Grandpa Monkey as he took out his teeth!

“Whaaha!” watsho uTatomkhulu uNkawu lo gama akhupha amazinyo akhe!

Get creative!

Here are some fun activities to grow your children's creativity and encourage them to have fun with reading and writing.

After you've read *Grandpa's gold*, challenge your children to build a skyscraper for a king just like Giraffe said his grandpa had done. (Wooden blocks and cardboard boxes of different sizes are good materials to use for this.) Can your children make their skyscraper taller than they are?



With your children, make cupcakes like the one in *Who has enough puff?* Let your children have fun decorating them in different ways. (If you don't want to make cupcakes, invite your children to draw their own decorated cupcake with candles on it to show the age they will be on their next birthday.)

Encourage your children to write a newspaper report (with a picture) about what happened in *Detective Gus, the gorilla*. You could follow this up with a pretend radio or television interview of one or more of the story's characters.

Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale inqaku lephephandaba (elinomfanekiso) malunga noko kwenzekayo kwibali elisihloko sithi, *UGus, igorila engumcuphi*. Lo msebenzi ungawulandela ngokwenza ngathi kukho udliwanondlebe kunomathotholo okanye kumabonwakude nomnye wabalinganiswa okanye abalinganiswa abaliqela abasebalini.



1 March is World Compliment Day. To celebrate this day, give each person in your class, reading club or home a small piece of paper and ask them to write their name on it. Now put the pieces of paper in a box. Ask everyone to close their eyes while they reach into the box and take out one piece of paper. (They should make sure that they haven't chosen the piece of paper with their name on it!) On the blank side of the piece of paper, everyone now writes one thing they appreciate about the person whose name is on the other side. (If children need help with this, let them use one of these sentence starters: *I like it when you...; I admire you because...; I like your...*) Put all the slips of paper back into the box and then spend time letting each person read out what was written about them.

Umhla woku-1 kweyoKwindla luSuku lokuNcoma lweHlabathi. Ukubhiyozela olu suku, nika umntu ngamnye eklasini yakho, kwiklabhu yakho yokufunda okanye ekhayeni lakho isiqwengana sephepha uze umcele ukuba abhale igama lakhe. Emva koko faka ezo ziqwengana ebhokisini. Cela ukuba wonke umntu avale amehlo lo gama afaka isandla ebhokisini, eza kuthatha isiqwengana esinye sephepha. (Kufuneka kuqinisekiswa ukuba umntu lowo akakhethanga isiqwengana esibhalwe igama lakhe!) Kwicala ekungabhalwanga nto kulo, umntu lowo ukhethe isiqwengana ubhala into enye ayithandayo ngaloo mntu ubhalwe kwelo phepha. (Ukuba abantwana bafuna ukuncedwa ngalo msebenzi, bavumele basebenzise esinye sezi ziqalo zezivakalisi: *Ndiithanda xa...; Ndiyakuthanda kuba...; Ndiithanda... yakho!*) Faka zonke ezo ziqwengana zamaphepha kwasebhokisini kwakhona uze unike umntu ngamnye iithuba lokuba afunde ukuba kubhalwe ntoni ngaye apho ephepheni.

Dr Seuss Day is on 2 March. Spend time on this day reading your favourite Dr Seuss books and exploring the fun and interesting Dr Seuss website: www.seussville.com.

USuku lukaDr Seuss lungomhla we-2 kweyoKwindla. Ngolu suku zinike ixesha ufunde ezona ncwadi zikaDr Seuss ozithandayo uze uphonononge ubumnandi obufumaneka kwiwebhusayithi kaDr Seuss: www.seussville.com.


World Poetry Day and Memory Day are both celebrated on 21 March – which also happens to be Human Rights' Day in South Africa! Encourage your children to write poems about human rights and/or a precious memory. If they would like to have their poems published in the Nal'ibali supplement, then email them to us at info@nalibali.org or post them to PRAESA, Suite 17–201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. (Remember to include their full names and age.)

USuku lweMibongo lweHlabathi kunye noSuku lweeNkumbulo ziintsuku ezibhiyozelwa ngomhla wama-21 kweyoKwindla – suku olo lusekwaluSuku lwamaLungelo oLuntu eMzantsi Afrika! Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale imibongo malunga namalungelo oluntu kunye/okanye neyona nkumbulo yabo imnandi. Ukuba bangathanda ukuba imibongo yabo ipapashwe kuhlalo lukaNal'ibali, yiithumele nge-imeyile ku-info@nalibali.org okanye uyithumele ngeposi ku-PRAESA, Suite 17–201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700. (Khumbula ukufaka amagama abo ngokupheleleyo kunye nobudala babo.)



Detective Gus, the gorilla

By Ann Walton ★ Illustrations by Rob Foote



Gus and Gabby, two good, kind gorillas, lived in a special part of the zoo. They had a little house to sleep in, and a wooden jungle gym to play on. They also had three trees to climb.

Gus and Gabby were having lunch. They were eating cabbage and pumpkin and beans and mealies, and lots of oranges and paw-paws and apples and **bananas**. They **loved** bananas!

Suddenly a little boy's head popped up over the wall of Gus and Gabby's garden.

"Hello," he said.

"Hello," said Gus.

"Can I come down and play on that jungle gym?" he asked.

"Yes," said Gus. "Jump down into the garden, but mind the thorn bush!"

So the little boy jumped down and landed on the grass next to the gorillas.

"We have nearly finished eating our lunch, but we still have one banana left," said Gus. Even though he loved bananas more than any other food, Gus was a very kind gorilla. He held it out to the little boy.

"Would you like it?" he asked.



"Yes, please," said the little boy. He took the banana and smiled.

"Where is your mother?" asked Gus.

"She is lost," said the little boy.

"Oh. Are you also lost?" asked Gus.

"No, I'm not lost. I am here," answered the little boy.

"That is true," said Gus. "How did your mother get lost?"

"We were walking along, eating ice-creams, and when I looked up, she wasn't there," said the boy.

"I'm sure you'll find her later on. But let's play now!" said Gus, and he took the little boy's hand and lifted him up onto the top of the wooden jungle gym.

They had a wonderful afternoon together. Gus walked upside down along the wooden poles of the jungle gym, holding on with his hands and feet, and the little boy did the same. Gus caught a branch hanging over the jungle gym and swung up into a big tree. The little boy did the same. They even hooked their legs over the branches and hung upside down! Gus and the little boy played together all afternoon, until the little boy was too tired to play anymore.

"Why don't you have a rest?" said Gus.

"Okay," said the little boy. He wandered off and fell fast asleep on the clean, sweet-smelling straw bed in Gus and Gabby's little house.

"If he is lost, maybe he can stay here with us forever," said Gabby. "I would like that!"

"I would like that too," said Gus.

Just then the zookeeper arrived.

"I think I have important news for you," he said, and he handed Gus a letter. Then he left, and closed the gate behind him.

"It **must** be important news if it is a letter for Gus!" thought Gabby. "What does the letter say, Gus?" asked Gabby with her big chitty-chatty smile.

Gus climbed up onto the top of the jungle gym and opened the letter. "It's from Policeman Moloi," he said.

"Read it, read it!" said Gabby.

Gus held the letter out in front of him and read aloud to Gabby:

Dear Gus

Please help us.

Molefe is missing. He is five years old. He was walking around the zoo with his mother. They were eating ice-creams. Molefe's mother said she loved chocolate ice-cream, then she asked Molefe what his favourite ice-cream was. But Molefe didn't answer because he wasn't there!

His mom was very worried. She called, and called, "Molefe, Molefe, where are you?" But there was no answer.

Molefe's mother ran all over the zoo looking for him, but she couldn't find him. He is missing. Gone! Just like that!

Molefe's mother is crying here at the police station now, Gus. Please help us.

If you get any news about Molefe, beat your chest loudly, and we will come running.

Best wishes to you, Gus.

Your friend
Policeman Moloi

Gus was sad. "I think the little boy who is fast asleep in our house may be Molefe," he said.

"Why do you think that, Gus?" asked Gabby.

"Because he said his mother was eating an ice-cream when she got lost," said Gus. "If he is Molefe, we can't keep him. His mother is crying for him."

"She must be very sad," said Gabby. "You're right, Gus, we can't keep him."

Just then the little boy woke up and came into the garden, rubbing his eyes.

"I want my mother. Where is she?" he said.

"We will find her," said Gus. "What is your name little boy?"

"I am Molefe," said the little boy.

"I will let Policeman Moloi and your mother know that you are here," said Gus. Then he stood up straight on top of the jungle gym. He lifted his arms and drummed loudly on his great big chest.

Policeman Moloi heard the drumbeat. He ran puffing and panting to the gorillas' home. Molefe's mother heard the drumbeat and followed Policeman Moloi. She ran puffing and panting to the gorillas' home.

"There you are, Molefe!" she said. She picked him up and held him close.

"They found you, Mom!" said Molefe.

"Yes! I was lost without you, Molefe," she said. "But why are you in here with the gorillas?"

"I have been playing on the jungle gym with my friend, Gus," said Molefe.

"Oh ... goodness! Well, we must go home now, Molefe," said his mother. She looked at Gus. "Thank you for looking after Molefe and playing with him," she said.



Continued on page 16.



Drive your
imagination

UGus, igorila engumcuphi

Libali lika-Ann Walton ★ Imifanekiso yekaRob Foote

Indawo
yamabali

UGus kunye noGabby, iigorila ezimbini ezilungileyo nezinobubele, zazihlala kwindawo ekhethekileyo kumyezo wolondolozo-zilwanyana. Babenendlwana encinane yokulala, kwakunye noojingi abayijim yokuphinyela nokugwencela eyenziwe ngeepali ukuze badlale kuyo. Kananjalo babenayo nemithi yokugwencela ekufutshane apho.

UGus kunye noGabby babesitya isidlo sasemini. Babesitya ikhaphetshu nethanga neemboty kunye nombona, kananjalo babesitya nama-orenji amaninzi neepopo nama-apile kunye **neebhanana. Babezithanda** kakhulu iibhanana!

Ngephanyazo kwathi gqi intloko yenkwenkwana encinane ngaphaya kodonga lwesitya sikaGus noGabby.

"Molweni," kutsho le nkwenkwe.

"Molo nawe," kutsho uGus.

"Ndingangena ndize kudlala kwaba jingi benu?" kubuza le nkwenkwana.

"Ewe," kutsho uGus. "Yihla uze apha ezantsi, esitiyeni, kodwa uze ulumkele elo tyholo linameva!"

Kwa-oko inkwenkwana yatsiba, yehlela ezantsi yaze yayakuthi thekence kwingca esecaleni kweegorila.

"Sele siza kugqiba ukutya isidlo sethu sasemini, kodwa sisenebhanana enye eseleyo," kutsho uGus. Nangona wayezithanda iibhanana ngaphezu kwako nakuphi na okunye ukutya, uGus wayeyigorila enobubele kakhulu. Wayithatha loo bhanana wayinikezela kwinkwenkwana encinane.

"Uyayifuna?" kubuza uGus.



"Ewe, ndingavuya xa unokundinika," kutsho inkwenkwana le. Yathatha iibhanana yaze yancuma.

"Uphi umama wakho?" wabuza uGus.

"Ulahlekile," yatsho inkwenkwana.

"Owu. Ingaba nawe ulahlekile?" wabuza uGus.

"Hayi, andilahlekanga mna. Ndinguyelo, ndihleli apha nani," yaphendula inkwenkwana.

"Yinyaniso leyo," watsho uGus. "Ulahleke njani umama wakho?"

"Besihamba kunye, sisitya ii-ayiskhrim, ndaze ndathi xa ndiphinda ndijonga, wabe sele engabonakali ndawo," yatsho inkwenkwana.

"Ndiqinisekile ukuba uza kumfumana ekuhambeni kwexesha. Kodwa makhe sibe sidlala okwangoku!" watsho uGus, waza wabamba inkwenkwana leyo ngesandla waza wayinyusela kwelona nqwanqwa liphezulu koojingi abo.

Badlala kamnandi kakhulu bobabini ngaloo mva kwemini. UGus wayenyuka esihla, intloko ijonge ezantsi, kuloo manqwanqwa kajingi, esebenzisa izandla neenyawo ukubambelela, nenkwenkwana le ke yayisenza kwanjalo. UGus wabamba isebe lomthi elalijinga phezu koojingi abo, waza wajinga kulo ukuya kuloo mthi mkhulu wawuphezu koojingi abo. Nenkwenkwana ke nayo yenza njalo. Babede bagweqe amasebe ngemilenze yabo, bajinge bejongise iintloko ezantsi! UGus kunye nalo nkwenkwana incinane badlala bobabini yonke loo mva kwemini, de inkwenkwana le yadinwa kakhulu, ayabisakwazi ke ngoko ukuqhubeka nokudlala.

"Kutheni ungakhe uphumle nje?" watsho uGus.

"Kulungile," yatsho inkwenkwana. Le nkwenkwana yangqengqa yaza yalala yoyi kuloo bhedhi iccekileyo kaGus noGabby, nenevumba lengca eluhlaza enuka kamnandi ekuloo ndlwana yabo encinane.

"Ukuba ulahlekile, mhlawumbi angahlala apha nathi okokoko," watsho uGabby.

"Ndingayivuyela kakhulu loo nto!"

"Nam ndingayithanda kakhulu loo nto," watsho uGus.

Kanye ngelo xesha kwafika umgcini womyezo wolondolozo-zilwanyana.

"Ndicinga ukuba ndiniphathele iindaba ezibalulekileyo," watsho, waza wanika uGus ileta. Emva koko wabashiya, waza walivala ngci isango elo.

"**Kufanele** ukuba ziindaba ezibalulekileyo ngokwenene ezo xa kude kwakho neleta eya kuGus!" wazingela njalo uGabby. "Ingaba ithini loo leta, Gus?" wabuza etsho ngolo ncumo lwakhe lubanzi luthandekayo uGabby.

UGus wakhwela, wenyuka waya kumanqwanqwa aphezulu apho koojingi waza wayivula ileta leyo. "Ivela kwelaa Polisa linguMoloi," watsho njalo uGus.

"Yifunde wethu, yifunde!" watsho uGabby ebungxama.

UGus wayibamba wayiphakamisela phezulu ileta leyo apha phambi kwakhe waza wayifundela uGabby:

Gus othandekayo

Sicela uncedo.

UMolefe ulahlekile. Yinkwenkwana eneminyaka emihlanu ubudala. Ebehamba kunye nomama wakhe, bejikeleza apho kumyezo wolondolozo-zilwanyana, bebuka izilwanyana ezahlukileyo. Bebehamba besitya ii-ayiskhrim. Umama kaMolefe uthe uyayithanda i-ayiskhrim yetshokolethi. Waza wathi xa abuza uMolefe ukuba yeyiphi na i-ayiskhrim ayithandayo, waqaphela ukuba uMolefe khangaphendule, kuba ebengasekho ecaleni kwakhe!

Umama wakhe uxhalabe kakhulu. Ukhwaze wakhwaza esithi, "Molefe, Molefe uphi?" Kodwa khangaphendule.

Umama kaMolefe unyuke esehla, wawugqiba wonke lo myezo wolondolozo-zilwanyana, ekhangela uMolefe kodwa khangaphumane. Ngoku ulahlekile. Unyamalele oku kwenaliti engoeni! Nje ngolo hlobo!

Umama kaMolefe uyalisa apha kwisikhululo samapolisa ngoku, Gus. Nceda torho sisengxakini.

Ukuba kukho iindaba ozivileyo ngoMolefe, betha isifuba sakho kakhulu nangokuvakalayo, siza kuza sibaleka.

Usale kakuhle Gus, wanga unganxesha elimnandi.

Umhlobo wakho

IPolisa uMoloi

Zamdakumbisa kakhulu ezi ndaba uGus. "Ndicinga ukuba le nkwenkwana ilele yoyi apha endlwini yethu mhlawumbi ngulo Molefe kuthethwa ngaye apha," kutsho uGus.

"Kutheni ucinga njalo, Gus?" kubuza uGabby.

"Kuba uthe umama wakhe wayesitya i-ayiskhrim ukulahleka kwakhe," watsho uGus. "Ukuba nguMolefe, asikwazi ukumgcina. Umama wakhe uyamlilela apho akhoyo."

"Inokuba ulusizi kakhulu apho akhoyo," kutsho uGabby. "Unyanisile, Gus, asikwazi ukumgcina."

Kanye ngelo xesha inkwenkwana encinane yavuka yaza yeza kubo apho esitiyeni, ityikitya amehlo.

"Ndifuna umama wam. Uphi?" yatsho ibuntlimpinika.

"Siza kumfumana," watsho uGus. "Ungubani igama lakho nkwenkwe?"

"NdinguMolefe," yatsho inkwenkwana.

"Ndiza kuxelela iPolisa uMoloi kunye nomama wakho ukuba ulapha," watsho uGus.

Emva koko wakhwela wema nkqo phezu kwamanqwanqwa kajingi lowo. Waphakamisa iingalo zakhe waza wabetha njengegubu kakhulu nangokuvakalayo kweso sifuba sakhe sikhulu.

IPolisa uMoloi lakuva ukubetha kwegubu. Waya, ebaleka, kwikhaya leegorila, ekhefuzela ngokungathi uyaleqwa. Umama kaMolefe naye wakuva ukubetha kwegubu waza walandela iPolisa uMoloi. Wayekhefuzela, ebaleka ngathi uyaleqwa naye ukuya kwikhaya leegorila.

"Yho, saze sakubhaqa Molefe!" utsho ngochulumanco. Wamfunqula emsondeza kuye, wamanga emthe nkqi ngathi uza kuphuncuka.

"Bakufumene, Mama!" watsho uMolefe.

"Ewe! Bendingathi ndilahlekile ngaphandle kwakho, Molefe," watsho uMama.

"Kodwa kutheni ukuze ube lapha ezigorileni?"

"Bendidlala kujingi onamanqwanqwa kunye nomhlobo wam, uGus, watsho uMolefe.

"Owu ... Nkosi yam! Kulungile ke, kufuneka sigoduke ngoku, Molefe," watsho umama wakhe. Wajonga kuGus. "Enkosi kakhulu ngokugcina uMolefe nokudlala naye," watsho.

★ Lisaqhubeka nakwiphepha le-16.



Molefe ran up to Gus, and the great big gorilla patted him on the head. Gabby gave him one of her big chitty-chatty smiles.

"Bye-bye," said Molefe, and off he went with his mother.

"Gus, because of you, Molefe is safe," said Policeman Moloi. "You are a great detective!"

The next day the Chief of Police and a big brass band and a camera man and a news reporter arrived at the zoo. A crowd of people followed them. The zookeeper led them all into Gus and Gabby's garden. The brass band played a tune, the camera man took pictures of Gus, and the reporter wrote a story about Gus and Molefe. The crowd of people cheered.

"Gus is a great detective," said the Chief of Police. "He once caught a famous shopping bag thief and now he has found a lost little boy. Well done, Gus!" Then the Chief of Police handed Gus a great big bunch of yellow bananas and he gave Gabby a great big bunch of pretty yellow flowers.

When they had all gone away, Gus and Gabby sat down and ate all the bananas except one. "Would you like the last banana, Gabby?" asked Gus.

"No thanks, Gus," said Gabby with a big chitty-chatty smile. "I'm eating the flowers. You are a famous detective now! You have the last banana!"

So he did.

UMolefe wabaleka waya kuGus, yaze igorila enkulu yambambazela apha entloko. UGabby yena wamncumela ngolo ncumo lwakhe lubanzi uMolefe.

"Nisale kakuhle," watsho uMolefe, waze wahamba nomama wakhe.

"Gus, ngenxa yakho, uMolefe ukhuselekile," latsho iPolisa uMoloi. "Ungumcuphi osisilumko ngokwenene!"

Ngosuku olulandelayo iNtloko yamaPolisa kunye neqela elikhulu leentambula kunye nomfoti nentatheli bafika apho kumyezo wolondolozo-zilwanyana. Babelandelwa ligquba labantu. Umgcini womyezo wolondolozo-zilwanyana wabakhokelela bonke esityeni sikaGus noGabby. Iqela leentambula ladlala ingoma yalo, umfoti wafota uGus, yaze intatheli yabhala inqaku elimalunga noGus kunye noMolefe. Abantu baqhweba izandla, benza intsholo, bonwabile.

"UGus ngokwenene ungumcuphi osisilumko," yatsho iNtloko yamaPolisa. "Wakhe wabamba nesela elaziwayo nelalixhwila iibhegi zegrosari zabantu kwaye ngoku uphinde wafumana inkwenkwana elahlekileyo. Usebenze kakhulu, Gus!" Emva koko iNtloko yamaPolisa yanika uGus isipha esikhulu seebhanana ezityheli yaze yanika uGabby isipha esikhulu seentyatyambo ezintle nezityheli.

Bathi xa sele bemke bonke abantu, uGus noGabby bahlala phantsi baze batya zonke ezo bhanana, kwasala yanye kuphela. "Uyayifuna ibhanana yokugqibela, Gabby?" wabuza uGus.

"Hayi enkosi, Gus," watsho uGabby ngolo ncumo lwakhe lubanzi. "Ndiza kutya iintyatyambo. Ungumcuphi owaziwayo ngoku. Yitye ibhanana yokugqibela!"

Wenza njalo ngokwenene.



We will be back in the
week of 10 April 2016!
Can't wait until then for
more reading and story tips,
tools and inspirational ideas?
Visit www.nalibali.org or
www.nalibali.mobi
or find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA.



Visit our website: www.nalibali.org
Ndwendwela iwebhusayithi
yethu ku-www.nalibali.org

Siza kubuya kwiveki yomhla
we-10 kuTshazimpunzi kowama-2016!
Ingaba uva ngathi awusafiki loo
mhla ukuze ufumane iingcebiso ezithe
xhaxhe ngokufunda kunye namabali,
imithombo yolwazi nezinye izixhobo
kwakunye neengcingane ezivuselelayo?
Ndwendwela ku-www.nalibali.org
okanye ku-www.nalibali.mobi
okanye usifune ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA.